

Keep reading!

Reading for enjoyment doesn't have to end when reading clubs take a break! Holiday programmes can provide spaces for children to continue enjoying and exploring stories during the school holidays.

In reading-for-enjoyment holiday programmes the emphasis is always on reading for pleasure! The activities that make up the programmes have one aim: to spark and sustain children's love of reading and stories.

There are many benefits to holiday programmes that focus on reading for enjoyment. Here are some of them.

- ★ Holiday programmes help children to see reading as something you do in your free time. Seeing reading as an enjoyable leisure time activity is an important step in helping children to become lifelong readers.
- ★ Holidays are usually less busy times. This means that there is more time available for reading-for-enjoyment activities than there is during the school term. So, holiday programmes can be relaxed and they can run for longer each day than reading-club sessions do during term times.
- ★ Children who aren't already members of a reading club can be included in holiday programmes. This introduces them to how satisfying stories, books and reading can be. It encourages them

to become regular readers and even to join a reading club!

- ★ Holiday programmes keep children busy and entertained in relaxed and safe environments. They are especially important if the children's parents are working, and in communities where there are not a lot of things for children to do during the school holidays.

Children attend reading-for-enjoyment holiday programmes not because someone has told them that they have to, nor because they are rewarded for doing so. They attend simply because it is a fun and satisfying thing to do!

Find out more about running a reading-for-enjoyment holiday programme on page 3 of this supplement and in our Story Power Guide 5, which is available for free at www.nalibali.org.



INSIDE:

Fun holiday activities on pages 2, 15 and 16!

NGAPHA-KATHI:

Imisetyenzana yokuzonwabisa ngeeholide kwiphepha le-2, le-15 nele-16!

We will be taking a break until the week of 22 July 2018. Join us then for more Nalibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla wama-22 kweyeKhala kowama-2018. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omninzi ummangaliso wokufunda kaNalibali!

Zigcine ngokufunda!

Ukufundela ukuzonwabisa akufanelanga ukuba kuphele xa iiklabhu zokufunda zisathathe ikhefu! Iinkqubo ezilungiselelwe iholide zinokunika abantwana amathuba okuqhubeka bonwabele kwaye bephicotha amabali ngexesha leeholide zesikolo.

Kwiinkqubo ezilungiselelwe iholide zokufundela ukuzonwabisa kusoloko kugxininiswa ekufundeleni ukuzonwabisa! Imisebenzi eyinxalenye yezi nkqubo ijoliswe kwinqongo enye kuphela: ukuvuselela nokumiliselela uthando lokufunda namabali eabantwaneni.

Zininzi izinto ezixhanyulwayo kwiinkqubo ezilungiselelwe iholide ezigxininisa ekufundeleni ukuzonwabisa. Nazi ezinye zazo.

- ★ Iinkqubo ezilungiselelwe iholide zinceda abantwana ukuba bakubone ukufunda njengento oenzayo xa uzihlalele nje, uphumle. Ukubona ukufunda

njengento eyenziwayo nangexesha lokuzonwabisa lelona nyathelo libalulekileyo ekuncedeni abantwana ukuba bakuthande ukufunda naxa bebadala.

- ★ Iiholide asingomaxesha adla ngokuxakeka kakhulu. Oku kuthetha ukuba lininzi ixesha elikhoyo lemisebenzi yokufundela ukuzonwabisa kunaxa izikolo zisavuliwe. Ngoko ke, iinkqubo ezilungiselelwe iholide zingaqhutywa ngokungangxamisekanga nangokupholileyo kwaye zinokuthatha ixesha elidana yonke imihla kuneeseshoni zeklabhu yokufunda ezenziwa ngexesha lesikolo.
- ★ Abantwana abangekabungawo amalungu eklabhu yokufunda banokubandakanywa kwiinkqubo ezilungiselelwe iholide. Oku kubazisa okanye kubabonisa indlela anelisa ngayo amabali neencwadi kwakunye nokufunda. Oku kubakhuthaza ukuba bathande ukufunda kwaye bangade bakhuthazeke ukuba bajoyine iiklabhu yokufunda!

- ★ Iinkqubo ezilungiselelwe iholide zigcina abantwana bexakekile kwaye bonwabile, bekwindawo ekhuselekileyo neyolisayo. Ezi nkqubo zibaluleke kakhulu ngakumbi xa abazali bephangela, nakwiindawo apho kungekho nto ininzi yakwenza eabantwaneni ngexesha leeholide zesikolo.


Abantwana bazibandakanya neenkqubo ezilungiselelwe iholide zokufundela ukuzonwabisa hayi kuba benyanzelisiwe okanye bethenjisiwe ngezinto ezithile. Bazibandakanya nezi nkqubo kuba bekonwabela oko kwaye iyinto ebanelisayo leyo!

Fumanisa banzi ngokuqhuba inkqubo yeeholide yokufundela-ukuzonwabisa kwiphepha le-3 lolu shicilelo nakwisikhokelo se-5 seStory Power, esifumaneka simahla ku-www.nalibali.org.



Drive your imagination

Join us. Be a literacy role model.
Sijoyineni. Yibani yimizekelo emihle
yokufunda nokubhala.



It starts with a story...

10 fun holiday ideas

Whether you are at home with your own children or running a holiday programme, here are some activities that incorporate reading and writing to keep your children entertained during the holidays. The idea is to enjoy yourselves, so use the language/s you and your children feel most comfortable with.

Izimvo ezili-10 ngeeholide zolonwabo

Nokuba usekhaya nabantwana bakho okanye uqhuba inkqubo yeholide, nantsi eminye imisetyenzana ebandakanya ukufunda nokubhala ukuze ugcine abantwana bakho bonwabile ngamaxasha eeholide. Injongo kukuba nizonwabise, ngoko ke sebenzisa ulwimi/iilwimi wena nabantwana bakho eniziva nikhululeke kakhulu ngazo.



1 Try something old and new. Together read stories by authors you have not tried before. Also encourage your children to introduce their favourite books to their friends and/or siblings.

1 Zama okudala nokutsha. Fundani kunye amabali ababhali eningazange nakhe nabazama ngaphambili. Kwakhona khuthaza abantwana bakho ukuba baxebele abahlobo kunye/okanye izalamane zabo ngeencwadi abazithanda kakhulu.

2 Write the story's words. Together look at a picture book that does not have any words. Then challenge everyone to write their own words for the story on separate sheets of paper. (Remember to write down the page numbers too so that you know where the words go!) Help younger children do this by writing down the words they tell you. When you have all finished, take turns reading your story words aloud while someone turns the pages of the book. Notice the ways in which each of your stories is similar and/or different.

2 Bhala amazwi ebali. Jongani kunye incwadi yemifanekiso engenamagama kwaphela. Cela umngeni kuwo wonke umntu ukuba abhale amagama akhe afanele ibali emaphepheni ahlukaniisweyo. (Khumbula ukubhala heenombolo zamaphepha ukuze nazi ukuba amagama lawo angena phi!) Ncedisa abantwana abaselula ukuba bakwenze oku ngokubabhalela amagama abakuxelela wona. Xa senigqibile nonke, boleksanani ngokufunda ngokuvakalayo amagama amabali enu ngelixa omnye etyhila amaphepha encwadi. Qaphela iindlela ibali ngalinye emabalini enu elifana ngazo kunye/okanye elahluka ngazo kwamanye.

3 Keep it short. Challenge your children to write a 50-word story set in the winter.

3 Wagcineni emafutshane. Cela umngeni ebantwaneni bakho ukuba babhale ibali elinamagama angama-50 elisekwe kwixesha lasebusika.

4 Play a game. Here is a game that stimulates your children's imagination and encourages critical thinking. Write some "Would you rather ...?" questions linked to winter on separate strips of paper. (For example: Would you rather sleep in a house made of large blocks of ice or one made of large cardboard boxes? Would you rather be stuck on top of a mountain in the winter or in the summer? If you could only wear one thing to keep warm, would you rather wear a scarf around your neck or socks on your feet? Would you rather walk barefoot across some snow or on the hot tar of a road?) Fold up the questions and put them in a container. Let everyone have a turn to take out a question and be the first to answer it. Then let everyone else answer the question too. Remember to encourage everyone to give a reason or reasons for their answer.

4 Dlalani umdlalo. Nangu umdlalo ovuselela ingcingane yabantwana bakho nokhuthaza ukucingisisa nzulu. Bhala imibuzo eqala ngokuthi "Ubunokukhetha mhlawumbi ...?" enxulumene nobusika kwimicu yamaphepha eyahlukanisweyo. (Umzekelo: Ubunokukhetha mhlawumbi ukulala endlwini eyakhiwe ngeebloko ezinkulu zomkhenkce okanye eyakhiwe ngeebhokisi zeekhadibhodi ezinkulu? Ubunokukhetha mhlawumbi ukuxinga encochoyini yentaba ebusika okanye ehlotyeni? Ukuba ubufanele ukuzifudumeza ngokunxiba into enye kuphela, ubunokukhetha mhlawumbi ukunxiba isikhafu entanyeni yakho okanye iikawusi ezinyaweni zakho? Ubunokukhetha mhlawumbi ukuhamba unganxibanga zihlangu phezu kwekhephu okanye kwitha eshushu endleleni?) Songa amaphepha emibuzo uwafake kwisikhongozelo. Wonke umntu makafumane ixesha lakhe lokukhupha iphepha elinomuzo aze awuphendule kuqala. Abanye mabalandlele bawuphendule. Khumbula ukukhuthaza bonke abantu ukunika isizathu okanye izizathu zempendulo yabo.

5 Create a story wall. Find some space on a wall and stick up large sheets of blank paper. Give your children crayons and pencils and ask them to write and draw about the stories they enjoy.

5 Yila udonga lwamabali. Fumana isithuba edongeni uze unamathelise amaphepha amakhulu angabhalwanga nto. Nika abantwana bakho iikhrayoni neepenisi ubacele ukuba babhale ngokunjalo benze imizobo ngamabali abawathandayo.

6 Record your memories. Invite your children to draw pictures, use photographs, cut out words from newspapers and magazines, and use their own words to create posters or books called: My memories.

6 Bhala iinkumbulo zakho. Mema abantwana bakho ukuba bazobe imifanekiso, basebenzise iifoto. Mabasike bakhuphe amagama avela kumaphephandaba nakwiimagazini, uze usebenzise amagama abo ukuyila iipowusta okanye iincwadi ezibizwa ngokuthi: iinkumbulo zam.

7 Host a talk show. Choose a story that you have all read. Then choose one person to be the TV talk show host and others to be the characters from the book. Let the host interview the characters from the book.

7 Singatha inkqubo yeengxoxo. Khetha ibali enilifunde nonke. Khetha umntu oza kusingatha inkqubo yeengxoxo kumabonakude kunye nabanye abaza kuba ngabalinganiswa abasencwadini. Umsingathi wenkqubo makabe nodliwano-ndlebe nabalinganiswa abasencwadini.

8 Tell a story. Ask your children to find something that is small enough to fit into a pocket, and then to tell a story about it.

8 Balisa ibali. Cela abantwana bakho ukuba bafumane into encinane ngokwanele ukungena epokothweni, baze babalise ibali ngayo.

9 Create a letter without writing. Let your children cut out words from old newspapers or magazines and then paste them on paper to make a letter to a friend or family member.

9 Yila ileta ngaphandle kokubhala. Abantwana bakho mabasike-bakhuphe amagama kumaphephandaba okanye kwiimagazini zakudala baze bazinamathelise ephepheni ukuze benze ileta abaza kuyithumela kumhlobo okanye kwilungu losapho.

10 Be an inventor. Ask your children to invent a machine to help do chores at home more easily. Let them draw a picture of their machine and label it to show how it works. They could even try to make a model of the machine using recycled materials.

10 Yiba ngumqambi. Cela abantwana ukuba baqambe umatshini oza kuncedisa kwimisebenzi yasekhaya ukuze ibe lula noko. Mabasike umfanekiso kamatshini wabo baze bawufake iileyibhile ukubonisa indlela osebenza ngayo. Basenokuzama nokwenza umfuziselo kamatshini ngokusebenzisa izinto ezihlaziywe ngokutsha.

Plan a holiday programme

Use what excites you about stories and books to help you create a fun and inspiring programme. But whatever activities you choose, proper planning is important. Here are some ideas to guide you.

- Draw up a programme of activities for each day. Choose different types of activities to keep the programme interesting. Many of the activities can relate to the stories you have chosen, but include other reading or writing activities too. Remember that many of the children will come back day after day so you will need different stories, songs and games. Practise doing the stories and activities you've chosen so that you know how much time they'll take to complete.
- Advertise your holiday programme at school parent meetings, in newsletters and on notice boards at libraries, clinics and schools.
- Organise a sign-up day so that you know how many children will be taking part in the programme. This will help you decide what resources you need. Invite parents and other caregivers to come and register their children for the programme about two weeks before it starts.
- Plan how you will make the venue attractive. Think about how to set up quieter areas where children will be able to look at or read books on their own, and other areas suitable for the activities you're planning.



Cwangcisa inkqubo elungiselelwe iholide

Sebenzisa oko kutsala umdla kuwe malunga namabali kunye neencwadi ukuze uncedakale ekuyileni inkqubo eyonwabisayo nevuselelayo ebantwaneni. Kodwa nokuba ukhethe yiphi na imisebenzi, kubalulekile ukuba uyicwangcise kakuhle. Nazi ezinye iimbono ezinokukukhokela.

- Yenza inkqubo yemisebenzi eza kulandelwa yosuku ngalunye. Khetha iindidi ezahlukileyo zemisebenzi ukwenzela ukuba inkqubo isoloko inika umdla. Uninzi lwale misebenzi lungangqamana namabali owakhethileyo, kodwa unokubandakanya neminye nje imisebenzi yokufundwayo neyokubhalwayo. Khumbula ukuba uninzi lwabantwana baza kuza rhoqo, ngoko ke qinisekisa ukuba unamabali, iingoma ezohlukeneyo nemidlalwana eyohlukeneyo. Ziqhelise amabali nemisebenzi oyikhethileyo ukwenzela ukuba wazi kakuhle ukuba ziza kuthatha ixesha elingakanani na.
- Bhengeza inkqubo yakho elungiselelwe iholide kwiintlanganiso zabazali esikolweni, kumaphephandaba nakwiibhodi zezaziso ezikumathala eencwadi, kwiiklinikhi nasezikolweni.
- Ququzelela usuku lokusayina ukwenzela ukuba wazi inani labantwana abaza kuthatha inxaxheba kwinkqubo leyo. Oku kuza kukunceda ukuba wazi imithombo yolwazi ekufuneka uyisebenzise nomawube nayo. Mema abazali nabanye abalondolozisi babantwana ukuba beze kubhalisa abantwana babo malunga nesithuba seeveki ezimbini phambi kokuba uqale.
- Cwangcisa kakuhle indlela oza kwenza ngayo ukuba indawo eniza kuhlangelela kuyo ibukeke. Cinga ngendlela oza kucwangcisa ngayo iindawo eziza kuthi cwaka ukwenzela ukuba abantwana bakwazi ukubuka okanye bafunde iincwadi ngokwabo, kwakunye nezinye nje iindawo ezifanele imisebenzi oyicebayo.

Make reading for enjoyment part of your school! For more information and guidance on how to do this, go to www.storypoweredschools.org.



Yenza ukufundela ukuzonwabisa kube yinxalenye yesikolo sakho! Ukuba ufuna ulwazi oluthe vetshe kunye nesikhokelo sendlela yokwenza oku, ndwendwela ku-www.storypoweredschools.org.

Putting stories at the heart of your school ★ Beka amabali phambili esikolweni sakho

NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

- Ikwekwezi FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.
- Lesedi FM** on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.
- Ligwalagwala FM** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.
- Munghana Lonene FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.
- Phalaphala FM** on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.
- RSG** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.
- SAfm** on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.
- Thobela FM** on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.
- Ukhozi FM** on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.
- Umhlobo Wenene FM** on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.
- X-K FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.
- Motsweding FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.30 a.m.



UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umelele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

- KuIkwekwezi FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.
- KuLesedi FM** ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.
- KuLigwalagwala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.
- KuMunghana Lonene FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.
- KuPhalaphala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.
- KuRSG** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.
- KuSAfm** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.
- KuThobela FM** ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.
- KuUkhozi FM** ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.
- KuUmhlobo Wenene FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.
- KuX-K FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.
- KuMotsweding FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngentsimbi ye-9.30 kusasa.



Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep picture books, *Thuli, Special and the secret* (pages 5, 6, 11 and 12) and *I am the man* (pages 7, 8, 9 and 10), as well as the Story Corner story, *Crocodile's funeral* (page 13).



Thuli, Special and the secret

Thuli and her grandmother have a cow called Special. Thuli loves Special very much. She also loves biscuits. One day, Thuli makes a secret plan to share a treat with Special.

Write a review of this story and stand a chance of winning some books! See page 15 for details.

- ★ As you read the story, draw your children's attention to the pictures and text by asking questions and making comments. For example:
 - ♥ **page 6:** Look at Thuli's face! What kind of story do you think Grandmother is telling?
 - ♥ **pages 8 and 9:** Why do you think Thuli wants to share her biscuits with Special?
 - ♥ **page 15:** Why do you think Special licks Thuli? What do you think her tongue feels like?
- ★ Have a discussion about secrets. Here are some questions you could talk about together.
 - ♥ What is the secret in the story?
 - ♥ Can some secrets be good while other secrets are bad?
 - ♥ How do you know if a secret is bad?
 - ♥ Do you think Thuli and Special's secret was a good one or a bad one?
- ★ Give your children paper plates, cardboard, glue and paint or crayons, and suggest that they use these materials to make a cow.
- ★ Encourage your children to draw a picture of an animal or treat that is special to them, and then to write about why it is so special.

I am the man

This is a story for children aged about 10 years and older. It is about honesty, having the courage to do the right thing and second chances.

- ★ After you have read the story, spend some time discussing these questions together.
 - ♥ Why do you think the boy steals?
 - ♥ What do you think made him behave differently this time?
 - ♥ Is it always easy to do the right thing? Explain your opinion.
- ★ Ask your children to imagine that the boy from the story keeps a diary in which he records what happens each day, as well as his thoughts and his feelings. Suggest that your children write his diary entry for the day in the story. They could start like this:

Dear Diary
Today I was ...



Crocodile's funeral

All the animals in the bushveld were afraid of Crocodile, so they kept away from her. But at her funeral, they all claim to be her relative so that they can inherit her large pile of gold. What will it take to prove who her real relatives are?

- ★ Encourage your children to use the following materials to make a crocodile: a long egg carton or egg tray, cardboard, scissors, glue, green paint and kokis.
- ★ After you have finished reading the story, discuss some of these questions.
 - ♥ If you were Crocodile and you had woken up at your own funeral, what would you have said or done?
 - ♥ Do you think the lizards were Crocodile's real relatives?
 - ♥ What do you think would have happened if Crocodile had really been dead? How would it have been decided who her relatives are?
 - ♥ Who are your relatives? What do you have in common with them? Can we have things in common with people who are not our relatives?



Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso ezingokusebenzisa iincwadana ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, *UThuli, uNkomodidi nemfihlelo* (okumaphepha e-5, 6, 11 nele-12) u-*Mna ndiyindoda* (okumaphepha e-7, 8, 9 nele-10), kwakunye nebali leNdawo Yamabali, *Umngcwabo kaNgwenya* (okwiphepha le-14).

UThuli, uNkomodidi nemfihlelo

UThuli noMakhulu wakhe banenkomo ebizwa ngokuba nguNkomodidi. UThuli umthanda kakhulu uNkomodidi. Kanti uyayithanda nemiqhathane. Ngenye imini, uThuli wenza icebo eliyimfihlelo lokwabelana noNkomodidi ngezinye zezinto zakhe ezimnandi.

Bhala uphengululo lweli bali ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi ezithile! Jonga iphepha le-15 malunga neenkukacha.

- ★ Xa ufunda ibali, tsala ingqalelo yabantwana bakho kwimifanekiso nakokubhaliweyo ngokubuza imibuzo nangokuphawula imiba ethile. Umzekelo:
 - ♥ **iphepha le-6:** Jonga ubuso bukaThuli! Ucinga ukuba luhlobo olunjani lwebali elibaliswa nguMakhulu?
 - ♥ **iphepha le-8 nele-9:** Ucinga ukuba kutheni uThuli efuna ukwabelana noNkomodidi nemiqhathane yakhe?
 - ♥ **iphepha le-15:** Ucinga ukuba kutheni uNkomodidi ekhotha uThuli? Ucinga ukuba ulwimi lwakhe luvakala njani?
- ★ Yibani nengxoxo ngeemfihlelo. Nantsi eminye imibuzo eninokuthetha ngayo kunye.
 - ♥ Yintoni imfihlelo esebalini?
 - ♥ Ingaba ezinye iimfihlelo zingaba zezilungileyo ngelixa ezinye iimfihlelo zinokuba zezingalunganga?
 - ♥ Uyazi njani imfihlelo engalunganga?
 - ♥ Ucinga ukuba imfihlelo kaThuli noNkomodidi yayilungile okanye yayingalunganga?
- ★ Nika abantwana bakho iipleyiti zamaphepha, iikhadibhodi, iglu nepeyinti okanye iikhrayoni, uze ubacebise ukuba basebenzise ezo zinto ukwenza inkomo.
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuzoba umfanekiso wesilwanyana okanye into emnandi ekhethekileyo kubo, ngokunjalo babhale isizathu sokuba ikhetheke kangako.

Mna ndiyindoda

Eli libali labantwana abaminyaka eli-10 ubudala nangaphezulu. Limalunga nentembeko, ukuba nesibindi sokwenza into elungileyo kunye namathuba esibini.

- ★ Emva kokuba nilifundile ibali, chithani ixesha nixoxa ngale mibuzo kunye.
 - ♥ Ucinga ukuba iyeba inkwenkwe?
 - ♥ Ucinga ukuba yintoni eyenze ukuba iziphathe ngendlela eyahlukileyo kwesi sihlandlelo?
 - ♥ Ingaba kusoloko kulula ukwenza into elungileyo? Chaza uluvo lwakho.
- ★ Cela abantwana bakho ukuba babe nengqikelelo yokuba loo nkwenkwe esebalini inedayari apho igcina khona iingxelo zayo zezinto ezenzeka ngosuku ngalunye ngokunjalo neengcinga zayo kunye neemvakalelo zayo. Xelela abantwana bakho ukuba babhale kwidayari iziganeko zayo zosuku olusebalini. Banokuqala ngale ndlela:

Dayari Endiyithandayo
Namhlanje bendi ...


Umngcwabo kaNgwenya

Zonke izilwanyana ezihlala ematsholweni zazimoyika uNgwenya, ngoko ke zazihambela kude kuye. Kodwa emngcwabeni wakhe, zonke zazisithi zizalamane zakhe ukuze zifumane ilifa lemfunba enkulu yegolide. Kwakuza kufuneka ubungqina obunjani ukubonisa ezona zalamane zenene?

- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba basebenzise izinto ezilandelayo ukwenza ingwenya: ikhadibhodi ende yamaqanda, okanye isithebe sokufaka amaqanda, ikhadibhodi, isikere, iglu, ipeyinti eluhlaza kunye neekoki.
- ★ Nakuba nigqibile ukufunda ibali, xoxani ngeminye yale mibuzo.
 - ♥ Ukuba wawunguNgwenya kwaza kwenzeka ukuba uvuke emngcwabeni wakho, wawunokuthini okanye wawunokwenza ntoni?
 - ♥ Ucinga ukuba amacilikishe ayezizalamane zenene zikaNgwenya?
 - ♥ Ucinga ukuba kwakunokwenzeka ntoni ukuba uNgwenya wayesweleke ngenene? Sasiza kwenziwa njani isigqibo sokuba zeziphi izalamane zakhe?
 - ♥ Ngoobani ezakho izalamane? Yintoni enifana ngayo? Singakwazi ukuba nezinto esifana ngazo nabantu esingezozalamane nabo?

Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Special always looks at Thuli as she eats her biscuits. Thuli wants to share her biscuits with Special, but Grandmother gives her only enough for herself.

UNkomodidi uyathanda ukubukela uThuli xa esitya imiqhathane yakhe. UThuli ufuna ukwabelana noNkomodidi ngemiqhathane yakhe, kodwa uMakhulu umnika elingene yena kuphela.



Lots more free books at bookdash.org

UThuli, uNkomodidi nemfihlelo

Thuli, Special and the secret




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

Baeletsi Tsatsi
Yihenew Worku
Dali Gaga





When the stories are finished, Grandmother gives Thuli some biscuits and a glass of fresh and creamy milk. Thuli's parents bring the biscuits when they visit – chocolate chip biscuits, Thuli's favourite.

Akuba egqibile ngamabali, uMakhulu upha uThuli imiqhathane kunye nobisi olutsha olunocwambu. Abazali bakaThuli beza nayo imiqhathane xa debayelele – imiqhathane enamasuntswana etshokolethi. Eyona ithandwa nguThuli.



UThuli uhlala noMakhulu wakhe nenkomo yabo, uNkomodidi, elalini. Abazali bakhe basebenza esixekweni.



One day, after listening to stories, Thuli follows Grandmother into the house, tiptoeing so that Grandmother won't hear her. Thuli sees Grandmother take some biscuits out of the oven.


Ngenye imini, emva kokumamela amabali, uThuli ulandela uMakhulu ukuya endlwini, econdoba ukuze uMakhulu angamvi. UThuli ubona uMakhulu ekhupha imiqhathane eontini.

UNkomodidi ukhotha uThuli xa emnika imiqhathane yakhe. UNkomodidi uyancuma. UThuli uyancuma.

“Yimfihlelo yethu encinane le,” utsho uThuli.

Special licks Thuli when she gives her the biscuits. Special smiles. Thuli smiles.

“It's our little secret,” says Thuli.









I moved like a snake and slipped in beside her in the crowd. I smiled at the little girl and tickled her leg and she giggled happily on her mother's hip. My hand slid easily into the folds of her mother's skirt. I found the small bundle of money. One quick movement and it was in my pocket.

Ndanyubdeleza njengenyoka ndaya kuma ecaleni kwayo kweso sikhwile. Ndancumela intombazazana ndayinyumbaza emlenzeni yaze yawuthi qhivu ngovuyo phezu kwehleza likanina. Isandla sam sangena lula kwimigobo yesiket sikanina. Ndalitumana iqhuma lenali. Kwaba yintshukumo enye kuphela yabe imali seyisepokothweni yam.

Mna ndiyindoda

I am the man

*Bridget Krone
Lois Neethling*



This story comes from *Stories that Talk 2*, Heartlines' second collection of stories about values. For more information please email info@heartlines.org.za or phone (011) 771 2540.

HEARTLINES
The Centre for Values Promotion

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



No one sees my hands work, because I have feather fingers. These fingers of mine can lift a wallet from your back pocket so lightly, so quickly, that you will not feel even a tiny tug. I can unclip a watch so fast while you are bending down to light my cigarette, that you will never remember the touch of my hand. And I know exactly where you have zipped your cellphone. It calls to me from that secret pocket in your bag ... I can hear it from across the taxi rank.

I saw the woman by the entrance to the wholesalers. She had a small girl with her, clinging to her skirt. I watched her take out a bundle of money knotted into a dirty piece of cloth. She counted the notes and coins secretly, keeping them close to her body. She frowned and tucked the money into a hidden pocket in her skirt. She swung the child onto her hip and entered the shop.

Ndajika nje ndathubeleza. Kodwa isihlwele sandicinezela kumacala onke ngoko ke ndathandabuza. Intombazanamana yancuma yafihla ubuso bayo egzalabeni likamina, incenloni. Ingaba luncumo lwayo olwandenza ndamelwa yingqondo? Ingaba eso sizathu esenza ndathathela elo thuba?

Ndiphuncuka gho. Ndigala ndicothoze ukuze ndingatsali amehlo ndize emva koko, xa sendimgama, ndibaleke. Ndithubeleza ngaphakathi nangaphandle kwezihlwele, intliziyo ingongoza – ndinyamalale. Kodwa kwezi sibandlo andikwazanga. Ndaye ndahlala; ndalandela umkhondo wenkosikazi evenkileni; ndayifonga xa iphakamisa ingxowa yomgubo wombona iyifaka etrolini, ndayifonga ibuyisela ioyile yokupheka eshelufini. Ndayibona ithatha isepha encinane eluhlaza kunye nengxowana yemboty ezomisiweyo. Ndaphinda ndayifonga isiya ethlini.

Ndandiyazi kakuhle into eza kwenzeka.

Ukuba ucinga ukuba ndiza kukuxelela indlela omawuphile ngayo ubomi bakho, uyaphazama. Linda nje kuphela ude undazi bhételana ukuze ubone ukuba andilulo olo hlobo lwendoda. Maze ungafundi naziphi na izifundo ezimalunga nobomi kum. Into endiza kuyenza inye kuphela kukukuxelela okwenzekileyo ukuze wena uzibonele ukuba wenza ntoni.

If you think I'm going to tell you how to live your life, you are wrong. Just wait until you know me a bit better and you'll see that I'm not that kind of guy. You mustn't take any life lessons from me. All I'm going to do is tell you what happened and then you must work things out for yourself.

Ndaphepha ndanyamalala phakathi kwesihlwele. Ndacothoza ukuze ndingatsali amehlo abantu ndaze ndabaleka. Hayi ke, ndabaleka! Iinyawo zam zazivakala ngathi zinamaphiko. Intliziyo ingongoza ngenxa yovakalelo olutsha. Zange ndakhe ndaba nalo olunjalo uvuyo. Ndandibetha umoya ngenqindi lam.

Mna NDIYINDODA!

I ducked and disappeared into the crowd.

I walked slowly so I didn't attract attention and then I ran. Man, I ran! I felt as if my feet had wings. My heart was pounding with a new feeling. I have never felt such happiness. I punched the air with my fist.

I am THE MAN!


I turned to slip away. But the crowd was pressing around me, so I hesitated. The little girl smiled and buried her face shyly in her mother's shoulder. Was it her smile that made me lose my head? Was that why I took such a chance?


I get away every time. I walk slowly at first so as not to attract attention and then, when I have gained enough distance, I run. I weave in and out of the crowds, my heart pounding – I disappear. But this time I didn't. I stayed, trailing the woman in the shop, watching her as she lifted the bag of mealie meal into her trolley, watching as she put the cooking oil back on the shelf. I saw her pick up a small bar of green soap and a bag of dried beans. I watched as she went up to the till.

I knew exactly what was going to happen.

Akukho mtu ubona izandla zam zisebenza, kuba ndimeninwe yentsiba. Le minwe yam ikwazi ukuphakamisa isipaji esisepokothweni yakho engasemva lula kakhulu, ngokukhawuleza okukhulu, kangangokuba akukho nokutsalwa okuncinane oza kukuva. Ndiyakwazi ukukhulula iwotshi ngokukhawuleza kangangokuba xa usagobile ulayita isigarethi, akunakukhumbula nesandla sam esikhe sakuchukumisa. Kanti ndiyazi ncam nendawo oyiziphile kuyo iselula yakho. Indibiza ikuloo pokotho eyimfihlelo yesingxobo sakho ... ndiyiva nokuba sele ingaphesheya kwesikhululo secektisi.

Ndabona inkosikazi esangweni likabhadhabhaza wewenkile. Yayihamba nentombazamana yayo, eyayiyibambe ngesiketi. Ndayibukela ikhupha isiqhuma semali ebiziphelwe kwilaphu elimdaka. Yabala imali engamaphapha nezinkozo iyifihla, iyisondeza emzimbeni wayo. Yafinga iintshiyi yaqhusheka imali epokothweni ehlekileyo yesiketi sayo. Nantso ijwaza umntwana phezu kwehleza layo yaze yangena evenkileni.







I can't remember what he was wearing ... no distinguishing marks or features. I think he went ... that way? And you would point, but you wouldn't be certain.

Kwakukusasa ngoMgqibelo wokuphela kwenyanga: usuku olukulungele kakhulu ukukhuthuza. Ndikwazi kakuhle ukuduka phakathi kwezihlwele ezitratweni kunaye nabani na omnye umntu. Ndikhangeleka ndimncinane kunomntu oneminyaka elishumi elinesithathu kanti nobuso bam akunakubukhumbula xa kunokufuneka ukuba unike ingxelo emapoliseni. “Yinkwenkwe encinane, Mphathi,” uya kutsho njalo. “Tinwele zimfutshane, amehlo antsundu ndicinga njalo ... eh ... andisakhumbuli ukuba ibinxibe ntoni ... ayinazindawo eziphawulekayo okanye iimpawu. Ndicinga ukuba ibheke ... kweliya cala.” Xa kunjalo uza kwalatha, kodwa uza kube ungaqinisekanga.

It was a Saturday morning and month-end: the best day for picking pockets. I can get lost in the crowd better than anyone else on the streets. I am small for thirteen and you would not remember my face if you had to report me to the police. “Just a small boy, Officer,” you would say. “Short hair, brown eyes I think ... um ...



Yakhala ngomthuko kwaye ndayibona ixhalabile izandla zayo zikhangelela ezipokothweni zayo ziphinda-phinda. Umhlawuli zange azikhathazze. Wasuka wacinezela iqhosha elisezantsi kwehli yakhe wabiza umphathi, ebonakala ebusweni ukuba udikwe.

Umphathi weza wathetha nenkosikazi, izandla zakhe zibambelele esinqeni. Ubuso bakhe babungathi ludonga olungabhalwanga nto. Abantu abaninzi basondela kule nkosikazi beyijongile. Ndanyubeleza njengenyoka ndaya kuma ecaleni kwayo. Ngephanyazo ndenza iintshukumo ezimbini. Ngesandla esinye ndafaka isiqhuma semali kwinqindi lentombazanana ndaze ngesinye isandla ndayitsweba emlenzeni. Kakhulu. Yathi xa ikhala unina wajika wayijonga.

The manager stood talking to her, his hands on his hips. His face was like a blank wall.

Lots of people were crowding round to look at the woman. I moved like a snake and slipped in beside her. I made two quick movements. With one hand I slipped the bundle of money into the little girl's fist and with the other I pinched her leg. Hard. She cried out and her mother turned to her.



She runs back outside and tells Special that soon she will have biscuits to share with her.




Uphuma ebaleka esiya kuxelela uNkomodidi ukuba kungekudala uza kumpha eminye imiqhathane.

Uvula ionti akhuphe eminye imiqhathane aza kuyipha uNkomodidi.

She opens the oven and takes out some biscuits for Special.




After eating, Thuli and Grandmother sit under the tree and Grandmother tells Thuli stories.



Bakugqiba ukuya, uThuli noMakhulu bahlala phantsi komthi aze uMakhulu abalisele uThuli amabali.

Thuli lives with her grandmother and their cow, Special, in the village. Her parents work in the city.







When Thuli is nice and clean, Grandmother gives Thuli some porridge. Thuli loves the porridge. But she loves the milk more, because it comes from their cow, Special. The milk is fresh and creamy.

Xa uThuli ebukeka kwaye ecocekile, uMakhulu upha uThuli isidudu. UThuli uyasithanda isidudu. Kodwa ubisi uluthanda ngokutha kratya, kuba luphuma enkomeni yabo, uNkomodidi. Lubisi olutsha kwaye olunocwambu.

Ngentsasa nganye uMakhulu kaThuli uvuka kwangoko ukuya kubukela ukuphuma kwelanga. Xa ilanga liphezulu esibhakabhakeni, uMakhulu uhlamba uThuli. Uhlamba amazinyo kaThuli, ahlambe ubuso bakhe akame neenwele zakhe.



Every morning Thuli's grandmother wakes her up early to go and watch the sunrise. When the sun is up in the sky, Grandmother bathes Thuli. She brushes Thuli's teeth, washes her face and brushes her hair.



Seyihambile imva kwemini, uMakhulu noThuli bathi gwaka kancinane. Bakuvuka babukela ilanga xa lisiya kutshona. Later in the afternoon, Grandmother and Thuli have a nap. Then they wake up to watch the sunset.


Lakuba litshonile ilanga, uThuli uchwechwela ekhitshini.

When the sun has set, Thuli sneaks off into the kitchen.



Crocodile's funeral

Retold by Kai Tuomi ✨ Illustrations by Samantha van Riet



All the animals knew that Crocodile had a big pile of gold in her house, but none of them had ever seen it because Crocodile was nasty and mean. She would chase them away and bite them with her sharp teeth.

One hot day in summer, Monkey was out walking by the river when he saw Crocodile lying in the sunshine. Monkey, who was very naughty, picked up a stick and poked Crocodile on the side of her body. Crocodile didn't move, so Monkey poked her again.



"She must be dead," said Monkey. He ran off to tell the other animals.

All the animals arrived to have a funeral for Crocodile. They stood around her body and talked. They wanted to know who would get Crocodile's big pile of gold. They all wanted the gold, of course, but the law of the bushveld said that the gold belonged to Crocodile's relatives.

And that was the problem – nobody knew who Crocodile's living relatives were. So wise Tortoise called a big meeting on the river bank to find out.

First the birds, with their colourful feathers and beautiful voices, stood up to speak. "We must be the living relatives of our dear mother Crocodile," they sang together. "Even though Crocodile was not as beautiful as we are, she laid big eggs in the sand. We deserve her big pile of gold."

The other animals shouted, "NOOO!" and the birds sat down.

"That is very true," said Tortoise. "Crocodile did lay big eggs in the sand. Does anyone else have something to say about it?"

The lizard clan stood up, and hissed at the birds. "That's rubbish," said the leader of the lizards. "I know plenty of lizards who also lay eggs, and we aren't birds at all. Crocodile was a member of our clan because of her scaly skin. We deserve the big pile of gold."

The other animals shouted, "NOOO!" and the lizards sat down.

"That is also very true," said Tortoise. "Crocodile does have scaly skin. Does anyone else have something to say about it?"

There was a splash from the river, and four blue heads popped out of the water. "We don't care if she laid eggs, or had scaly skin," said the fish. "We have scales too, and we used to watch Crocodile swim underwater every day. She was a fish, just like us. We deserve the big pile of gold."

"Oh no, that's not true," said the leader of the lizards. "Just look at her lying there. She has four legs. Show me a fish with four legs."

"But she swam," said the fish.

"Wait!" said Springbok. "Crocodile has four legs. Everyone in the buck clan has four legs too, so she must have been a buck. We deserve the big pile of gold."

"But you don't lay eggs," sang the birds.

The fish popped out of the river and sprayed water on the birds. The birds took off into the sky and flapped around.

"Why did you do that?" asked one of the birds.

"If you really are Crocodile's relatives, then you would love water," said the fish. "Besides, did you ever see Crocodile fly?"

And soon all the animals of the bushveld were fighting amongst themselves and shouting.

"Stop, everybody! Stop!" said Tortoise, but no one would listen to him.

Suddenly, Tortoise felt a tap on his shoulder and turned around. Something terrible was looking down at him. It had great big eyes and very sharp teeth. It was Crocodile!

"I thought you were dead," said Tortoise, shaking in his shell.

"I was sleeping," said Crocodile in her big voice. "But all this noise woke me up."

Tortoise mumbled an apology and scuttled off into the bushveld. Crocodile turned to the other animals.

"Hey!" she shouted. Everyone stopped fighting and was silent. They looked at Crocodile with wide eyes.



"That's better," said Crocodile. "So you all want my gold, do you? Well, firstly, I would like to have dinner with my *living* relatives. So who wants to stay and eat something delicious?" asked Crocodile licking her lips.

"The birds are your relatives," said the fish, swimming away quickly.

"Oh, no, the buck are," said the birds flying off into the treetops. "They have four legs." But the buck clan had already disappeared into the bushes.

"Well," said the lizards, "that leaves only us. Oh please, don't gobble us up, Crocodile."

"Gobble you up?" said Crocodile smiling. "Why would I eat my own relatives? Come on, lizards. Let's go and have dinner."

So the lizards followed Crocodile to her hut, where they ate marula cake and drank delicious spring water, and told jokes and laughed until it was dark outside. And from that day on, all the animals knew that the lizards were the true living relatives of Crocodile, and that when she did actually die, they would get her big pile of gold.



Libaliswa kwakhona nguKai Tuomi ✨ Imifanekiso izotywe nguSamantha van Riet

Zonke izilwanyana zazisazi ukuba uNgwenya unemfumba enkulu yegolide emzini wakhe, kodwa akakho owakhe wayibona kuba uNgwenya wayenolunya kwaye ekhohlakele. Wayeza kuzileqa azilume ngamazinyo akhe abukhali.

Ngosuku olushushu lwasehlotyeni, uNkawu wayephumile ehamba-hamba emlanjeni waze wabona uNgwenya engqengqile egcakamele ilanga. UNkawu, owayeqaqadekile, wachola intonga waze wahlokhla uNgwenya ecaleni emzimbeni wakhe. UNgwenya zange ashukume, waphinda wamhlokhla uNkawu.



“Ngokuqinisekileyo ubhubhile,” watsho uNkawu. Wabaleka waya kuxelela ezinye izilwanyana.

Zonke izilwanyana zafika emngcwabeni kaNgwenya. Zema zijikeleze umzimba wakhe zithetha. Zazifuna ukuqonda ukuba ngubani oza kufumana imfumba enkulu yegolide kaNgwenya. Zonke zaziqonda igolide, kakade, kodwa umthetho wasematyholweni wawusithi igolide yeyezalamane zikaNgwenya.

Ingxaki yayiyileyo – akukho mntu wayesazi ukuba ngoobani izalamane zikaNgwenya eziphilayo. Ngoko ke uFudo olumkileyo wabiza intlanganiso enkulu ngasemlanjeni ukuze kufunyaniswe oko.

Okokuqala iintaka, ngeentsiba zazo ezimibala-bala namazwi azo amnandi, zasukuma zathetha. “Ngokuqinisekileyo sizizalamane zikamama wethu esimthandayo uNgwenya,” zacula kunye. “Nangona uNgwenya wayengemhlanga njengathi, ebebekela amaqanda amakhulu esantini. Sikufanele ukufumana imfumba enkulu yegolide.”

Zakhwaza ezinye izilwanyana, “HAYI-I!” zaze zahlala phantsi iintaka.

“Yinyaniso engenakuphikiswa leyo,” watsho uFudo. “UNgwenya ebebekela amaqanda amakhulu esantini. Ingaba ukhona omnye onento yokuthetha?”

Uhlanga lwamacilikishe lwasukuma, lwafuthela iintaka. “Ngamampunge lawo,” yatsho inkokheli yamacilikishe. “Ndazi amacilikishe amaninzi nawo azalela amaqanda, kodwa thina asizontaka kwaphela. UNgwenya ebelilungu lohlanga lwethu ngenxa yesikhumba sakhe esinamaxolo. Sikufanele ukufumana imfumba enkulu yegolide.”

Zakhwaza ezinye izilwanyana, “HAYI-I!” aze ahlala phantsi amacilikishe.

“Yinyaniso engenakuphikiswa leyo,” watsho uFudo. “UNgwenya ebenesikhumba esinamaxolo. Ingaba ukhona omnye onento yokuthetha?”

Kwabakho umtshizo ophuma emlanjeni, kwaze kwatakela ngaphandle kwamanzi iintloko ezine ezizuba. “Asikhathali yinto yokuba yena ebezalela amaqanda, okanye kukuba ebenesikhumba esinamaxolo,” itshilo intlanzi. “Sinamaxolo nathi, kwaye besiqhele ukubukela uNgwenya equbha phantsi kwamanzi yonke imihla. Ebeyintlanzi, njengathi. Sikufanele ukufumana imfumba enkulu yegolide.”

“Owu hayi, asiyonyaniso leyo,” yatsho inkokheli yamacilikishe. “Mjonge ngoku elele phaya. Unemilenze emine. Ndibonise intlanzi enemilenze emine.”

“Kodwa ebequbha,” yatsho intlanzi.

“Khanimeni!” watsho uBhadi. “UNgwenya unemilenze emine. Wonke umntu kuhlanga lwamabhadi unemilenze emine, ngoko ke ngokuqinisekileyo ebelibhadi. Sikufanele ukufumana imfumba enkulu yegolide.”

“Kodwa anizaleli maqanda,” zacula iintaka.

Intlanzi yatakela ngaphandle komlambo yaze yatshiza iintaka ngamanzi. Iintaka zasuka zabhabha ukuntingela esibhakabhakeni ziphaphazela.

“Uyenzele ntoni loo nto?” yabuza enye yeentaka.

“Ukuba benizizalamane zikaNgwenya ngenene, beniya kuwathanda amanzi,” yatsho intlanzi. “Ngaphaya koko, nanikhe nambona uNgwenya ebhabha?”

Ngephanyazo zonke izilwanyana etyholweni zazisilwa zodwa zikhwaza.

“Yimani, wonke umntu! Yimani!” watsho uFudo, kodwa akakho owayemamele.

Ngephanyazo, weva umbambazelo egxalabeni lakhe, wajonga emva. Kwakukho into eyoyikekayo eyayimjongele ezantsi. Yayinamehlo amakhulu namazinyo abukhali. YayinguNgwenya!

“Bendicinga ukuba ubhubhile,” watsho uFudo, engcangcazela eqokobheni lakhe.

“Bendilele,” watsho uNgwenya ngelizwi lakhe elikhulu. “Kodwa ndivuswe yiyo yonke le ngxolo.”

UFudo wadumzela ecela uxolo waze warhubuluzela ngasematyholweni. UNgwenya wajika wajonga ezinye izilwanyana.

“Heyi!” wakhwaza. Wonke umntu wayeka ukulwa kwaze kwathi cwaka. Bajonga uNgwenya bengawatwezanga ngako amehlo.



“Kwatsho kwabhetele,” watsho uNgwenya. “Kanene nonke nifuna igolide yam, ingaba kunjalo? Kulungile, okokuqala, ndinqwenela ukufumana isidlo sasebusuku nezalamane zam eziphilayo. Ngoko ke ngubani ofuna ukusala ukuze atye ukutya okumnandi?” wabuza uNgwenya ekhutha imilebe yakhe.

“Iintaka zizalamane zakho,” yatsho intlanzi, iqubhela kude ngokukhawuleza.

“Owu hayi, ngamabhadi,” zatsho iintaka zibhabha zisiya kuthi ngcu phezulu emithini. “Anemilenze emine.” Kodwa uhlanga lwamabhadi lwaluselunyamalele ematyholweni.

“Kulungile,” atsho amacilikishe, “ngoku kushiyeke thina sodwa. Uze uncede, ungasityi torho, Ngwenya.”

“Ukunitya?” watsho uNgwenya encumile. “Ndingazityela ntoni izalamane zam? Hayini bo, macilikishe. Masihambeni siye kwisidlo sasebusuku.”



Ngoko ke amacilikishe alandela uNgwenya aya endlwini yakhe, apho bafika batya ikeyiki yemarula basela namanzi amnandi asemthonjeni, babebaliselana okuhlekisayo behleka kwade kwarhatyela. Kanti ukususela ngaloo mini, zonke izilwanyana zaba nolwazi lokuba amacilikishe azizalamane zenene eziphilayo zikaNgwenya, kwacaca ukuba mhla wabhubha, ngawo aya kufumana imfumba enkulu yakhe yegolide.



Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

- © Cut out these pictures of Afrika, Bella, Noodle, Hope and Neo. Then stick them to the tops of spoons or sticks to create your own Nal'ibali puppets. Use them to make up a story and put on a puppet show!
- © Sika ukhuphe imifanekiso ka-Afrika, uBella, uNoodle, uHope noNeo. Uze uyinamathelise kwimiphezulu yamacephe okanye yezinti ukuze uyile abakho oonodoli bakaNal'ibali. Basebenzisele ukuqamba ibali uze ubafake kumboniso woonodoli!



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Thuli, Special and the secret* (pages 5, 6, 11 and 12), and email it to team@bookdash.org, or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.

Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali, elithi, *UThuli, uNkomodidi nemfihlelo* (amaphepha e-5, 6, 11 nele-12), uze ulithumele ngeimeyili ku-team@bookdash.org, okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kutshi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zohagamshelwano.



Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

Crack the code!

What are Neo and his friends going to spend time doing during the holidays? Use the blue code-breaker table to help you find out.



- Neo is going on a (19, 15, 3, 3, 5, 18) _____ tour for the first week of the holidays.
- Mbali is going on an outing to a (6, 1, 18, 13) _____ with the other children at Gogo's educare centre.
- Bella is going to (18, 5, 1, 4) _____ to Noodle and take him to play with the other dogs at the (16, 1, 18, 11) _____.
- Hope is taking part in a (11, 1, 18, 1, 20, 5) _____ competition.
- Afrika and Dintle are going to help their mother to (2, 1, 11, 5) _____ cakes and biscuits for her stall at the winter fair.
- Priya is going with her sister to a story workshop at the (12, 9, 2, 18, 1, 18, 25) _____.
- Josh is helping to run a (8, 15, 12, 9, 4, 1, 25) (16, 18, 15, 7, 18, 1, 13, 13, 5) _____ for the younger children at his school.



A	B	C	D	E	F	G	H
1	2	3	4	5	6	7	8
I	J	K	L	M	N	O	P
9	10	11	12	13	14	15	16
Q	R	S	T	U	V	W	X
17	18	19	20	21	22	23	24
Y	Z						
25	26						

Qhekeza ikhowudi!

Ingaba uNeo nabahlobo bakhe baza kuchitha ixesha ngokwenza ntoni kwezi holidi? Sebenzisa itheyibhile eblowu yokuqhekeza ikhowudi ukuze ikuncedise ekufumaniseni oko.

- UNeo uza kuya kukhenketho lwe (19, 15, 11, 1) _____ kwiveki yokuqala yeeholide.
- UMbali uyaphuma uya e (6, 1, 13, 1) _____ nabanye abantwana bakaGogo beziko lokhathalelo lwemfundo.
- UBella uza ku (6, 21, 14, 4, 5, 12, 1) _____ uNoodle aze aye kudlala naye nezinye izinja e (16, 1, 11, 9, 14, 9) _____.
- UHope unenxanxheba kukhuphiswano lwe (11, 1, 18, 1, 20, 9) _____.
- UAfrika noDintle baza kuncedisa umama wabo ngoku (2, 8, 1, 11, 1) _____ ikeyiki nemiqhathane yendawo yakhe yokuthengisa kwintengiso yasebusika.
- UPriya uhamba nodadewabo ukuya kwindibano yamabali e (12, 1, 25, 9, 2, 18, 1, 18, 9) _____.
- UJosh uncedisa ngokuqhuba (9, 14, 11, 17, 21, 2, 15) (25, 5, 8, 15, 12, 9, 4, 5) _____ yabantwana abancinane esikolweni sakhe.



2.

Write in code!

Use the code-breaker table to write down the code for six things you want to do during the holiday. Give your list and the code-breaker table to a friend or parent. Can they crack the code?

Your list:/Uludwe lwakho:


- _____
- _____
- _____
- _____
- _____
- _____

Bhala ikhowudi!

Sebenzisa itheyibhile yesiqhekezi sekhawudi ukubhala ikhowudi yezinto ezintandathu ofuna ukuzenza ngeholidi. Nika umhlobo okanye umzali itheyibhile yesiqhekezi sekhawudi. Ingaba bayakwazi ukuqhekeza ikhowudi?

Crack the code here:/Qhekeza ikhowudi apha:

- _____
- _____
- _____
- _____
- _____
- _____



Impendulo: 1. socer 2. farm 3. read, park 4. karate 5. bake 6. library 7. holiday programme
Iinkqubo yeholide: 1. soka 2. fama 3. fundela, pakini 4. karati 5. bhaka 6. layibrari 7. inkqubo yeholide

Don't forget that we will be taking a break until the week of 22 July 2018. Enjoy the holidays, and join us after the holiday for more Nal'ibali reading magic! In the meantime, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.



Visit us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sindwendwele kwikhasi lethu likaFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Ungalibali ukuba siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla wama-22 kweyeKhala kowama-2018. Yonwabela iiholide zakho uze usijoyine kwakhona emva kweholide ukuze ufumane ubugqi obongezelelekileyo bokufunda bakwaNal'ibali! Okwalo mzuzu, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ukuze ufumane amabali kunye novuselelo lokufundela ukuzonwabisa.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SW
Sunday
World

Drive your
imagination